URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

ICandelo le-*Cape Teaching and Leadership Institute*
EDULIS

Isalathiso: 20211025-6994
Inombolo yefayili: 12/17/9
Imibuzo: T Cloete

INgcaciso eMfutshane yeCandelo le-*Cape Teaching and Leadership Institute:* 0006/2021

Iya: KumaSekela Balawuli, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBacebisi ngeZifundo, kuBasebenzi aBanika iNkxaso eYodwa kooTitshala nakuBafundi, kwiNqununu nakooSihlalo bamaBhunga olawulo kwizikolo zikarhulumente

Isihloko: Ukubhiyozela iNyanga yeLayibrari yeSikolo yeHlabathi (*ISLM*)

1. Ngo-Oktobha 2021 iilayibrari zezikolo zaseMzantsi Afrika nakwilizwe jikelele ziya kubhiyozela yaye zikhuthaze iinkonzo zelayibrari nezengcaciso ezikolweni.

2. Ukulungiselela ukubhiyozela i-*ISLM* ngo-2021, uMphathiswa weSebe leMfundo leNtshona Koloni uthathe isigqibo sokubandakanya zonke izikolo, ootitshala nabafundi beSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*). Abafundi baya kubanethuba lokubonisa iimvakalelo zabo yaye babelane ngamava abo ngobhubhane i-*COVID*-19, yaye kwangaxeshanye, babenethuba lokuphumelela izibonelelo zelayibrari yezikolo zabo.

3. IiNkonzo zeLayibrari yeMfundo nezeNgcaciso (*EDULIS)*, ngentsebenziswano ne-Ofisi yoMphathiswa weSebe leMfundo, ziya kubanako ukunika izikolo ezithandathu zeSebe i*WCED,* ithuba lokuphumelela izibonelelo zelayibrari yesikolo ezixabisa i-R150 000.

4. Kuya kwahlulwa izikolo ngolu hlobo lulandelayo:
   - Izikolo eziziisekondari ezintathu ziya kufumana i-R25 000 isikolo ngasinye ngokuphumelela ngemisebenzi engenisiweyo *(entries)* kwisiNgesi, kwisi-Afrikansi nakwisiXhosa, yaye
   - Izikolo eziziiprayimari ezintathu ziya kufumana i-R25 000 isikolo ngasinye ngokuphumelela ngemisebenzi engenisiweyo *(entries)* kwisiNgesi, kwisi-Afrikansi nakwisiXhosa.

5. Umxholo wokhuphiswano uthi "UHambo lwam lwe-*COVID*-19" ("*My COVID-19 Journey*"), ukuthathela ingqalelo ifuthe ebenalo i*COVID*-19 kubafundi beSebe

i*WCED*, kwiintsapho zabo nakwizihlobo zabo, nakwizikolo zabo. Ukhuphiswano lunika abafundi ithuba elilodwa lokuba bavakalise uluvo lwabo ngemibongo, yaye oko kungaluncedo olungaphezulu lokubaphilisa ngokubhala kumothuko omkhulu ngokwasengqondweni nangokweemvakalelo, kwakunye nokucinga nzulu ngexabiso lezixhobo zelayibrari (iincwadi/ izibonelelo zekhompyutha (*e-resources*)).

6. Ziyakhuthazwa zonke izikolo zeSebe i*WCED* ukuba zingenele ukhuphiswano ngekhompyutha. Le mibuzo ilandelayo kufuneka inike isikhokelo kwimibongo yabafundi:
   - **Uziva njani malunga nobhubhane i-*COVID-19*?**
   - **Ukuchaphazele njani wena nesikolo sakho?**
   - **Uluchaphazele njani usapho nezihlobo zakho?**
   - **Singaqhubela phambili njani ukususela apha yaye inganceda njani ilayibrari yesikolo sakho?**

7. Ootitshala kuya kufuneka baqokelele yaye bayidibanise imibongo yaye bathumele umsebenzi wokungenela ukhuphiswano *(entry)* omnye wesikolo ngasinye apha alison.mentor@westerncape.gov.za.

8. Umhla wokuvalwa wokhuphiswano **nguLwesibini, we-30 Novemba 2021** yaye abaphumeleleyo baya kwaziswa ngefoni okanye nge-imeyili.

9. Izikolo eziphumeleleyo ziya kupapashwa, yaye ukunikezelwa kwamabhaso kuya kwenziwa ngomhla obekwe liSebe i*WCED*.

10. Malunga nemibuzo engokhuphiswano nangemimiselo nemiqathango, kucelwa niqhagamshelwane no-*Timothy Cloete* apha: timothy.cloete@westerncape.gov.za.

11. Malunga neenkonzo zelayibrari yesikolo kungaqhagamshelwana nala magosa ezithili zeSebe i*WCED* alandelayo:

Janine Ontong	UMcebisi ngeeNkonzo zeLayibrari yeSikolo, ISithili i-*Cape Winelands*	Ifoni 023 348 4657
Lorné Erasmus	IGosa leeNkonzo zeLayibrari yeSikolo, ISithili i-*Overberg*	Ifoni 028 214 7386
Tirzah Arendse	IGosa leeNkonzo zeLayibrari yeSikolo, ISithili i-*Eden* ne-*Central Karoo*	Ifoni 044 803 8377
Vernon Koen	IGosa leeNkonzo zeLayibrari yeSikolo, ISithili i-*Metro East*	Ifoni 021 900 7049

Sinetemba Mdunyelwa	IGosa leeNkonzo zeLayibrari yeSikolo, ISithili i-*West Coast*	Ifoni 021 860 1200

12. Kucelwa iinqununu ukuba zazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2021-11-03